L: (12) [Kuza kufuneka ndiye ndiyokubona ukuba ndingenza ntoni ngezitshixo ndinazo.] Ukuba akukho sitshixo zilungayo, ngoko kuya kufuneka ndenze elinye icebo. (15) [Ngubani uNkosikazi Swart?]
(I will have to go and see what I can do with the keys I have. If none of my keys fit, then we will have to make another plan. Who is Mrs Swart?)

M: NguWelmay Swart. (16) [Ukwiofisi esecaleni kweofisi kaDesiré.]
(It is Welmay Swart. She is in the office next to Desiré's office.)

L: (15) [Kwiofisi eyintloko?]
(At head office?)

M: (18) [Kulungile.]
(That's right.)

L: (12) [Kulungile, siza kuyenza loo nto.]
(Okay, we will do that.)
M: Ngoko, Louis (17) [thatha isikrufeli sakho, esisentsimbi kunye nesitara,] kwaye (18) [uthathe iveni yakho ubaleke wehle uye kwiofisi eyintloko.]
(So, Louis, take your screwdriver, the steal one and the star one, and take your van quickly down to head office.)

L: (19) [Ndiya kwenza njalo, Mnumzana, ndiye ndibuyele kuwe.]
(I will do that, Sir, and then I'll get back to you.)

M: Louis, (21) [ungalibali ukuthatha iseti yakho yezitshixo kunye nawe.]
(Louis, don't forget to take your set of keys along.)

L: (22) [Ndinayo yonke into,] Mnumzana Magerman.
(I have everything, Mr Magerman.)

M: (23) [Uya kundazisa ukuba izinto ziqhubeka kanjani.]
(You will let me know how things are progressing.)

L: (19) [Kulungile, Mnumzana Magerman, ndiya kwazisa xa ndithe ndayijonga.]
Mnumzana Magerman, (24) [ingaba iodolo yomsebenzi seyenziwe?]
(Okay, Mr Magerman, I will let you know when I have had a look. Mr Magerman, has a work order already been made out?)

M: (25) [Ewe Louis, yenziwe.]
(Yes Louis, it's been done.)

ULouis ungena kwiofisi kaNkosikasi Swart.
(Louis enters Mrs Swart's office.)

S: Molo Louis, (30) [enkosi kakhulu ngokuza ngokukhawuleza.]
(Morning Louis, thank you so much for coming so quickly.)
L: Molo Nkosikazi, (27) [indawoni idrowa?]
(Morning Ma'm, where is the drawer?)

S: (28) [Yile na,] Louis.
(It is this one, Louis.)

L: Khawuthi ndiyijonge. (31) [Ndiza kuthi ndizame ngesitshixo sokuqala] – (32) [hayi, ayisiso.] (31) [Ndivavanya esesibini] – (32) [hayi;] (31) [inombolo yesine] – (32) [hayi nayo;] (31) [inombolo yesithandathu] – (32) [hayi.] (31) [Masijonge inombolo yesixhenxe;] (33) [kulungile, iyasebenza.]
(Let me see. I am going to try key number one – no, it's not the one. I am testing number two – no; number four – no neither; number six – no. Let's see number seven; right, it works.)

ULouis unxibelelana noMnumzana Magerman ngefowuni.
(Louis contacts Mr Magerman on the phone.)

M: NguMagerman apha.
(Magerman here.)

L: Mnumzana Magerman, (29) [isitshixo esiyinombolo yesixhenxe siyalunga.]
(Mr Magerman, key number seven fits.)

M: Kulungile Louis, (18) [yenza isikhumbuzo ukuze sikwazi ukwenza esiza kuthatha indawo yeso sitshixo. Xelela uNkosikazi Swart naye abhale phantsi inombolo yesitshixo ukuze siyazi kwixesha elizayo.]
(Okay Louis, make a note of that so that we can replace the key. Tell Mrs Swart as well to write down her key number so we know in the future.)

L: (19) [Kulungile Mnumzana Magerman, ndiza kusibuyisela isitshixo.]
(Right Mr Magerman, I will replace the key.)
M: Louis, (18) [yiya kuPrag Lock and Heel Bar kwaye umfune isitshixo uMnumzana Prag. Unike uMnumzana Neethling uluhlu lwesitshixo esithengiweyo] – (26) [uyazi ukuba isebenza kanjani, kulungile?]
(Louis, go to Prag Lock and Heel Bar and ask Mr Prag for the key. Hand the invoice in at Mr Neethling – you know how it works, right?)

L: (12) [Kulungile Mnumzana, ndiza kwenza njalo.]
(That's right Sir, I will do that.)

ULouis ubeka phantsi ifowuni.
(Louis puts down the phone.)

L: (29) [Kulungile Nkosikazi Swart, yonke into ihlenga-hlengisiwe ngoku.] (34) [Yenza isikhumbuzo senombolo yesitshixo – siyinombolo yesixhenxe, ukwenzela ukukhangela kwixesha elizayo.]
(Alright Mrs Swart, everything is sorted out now. Just make a note of the key's number – it is number seven, for future reference.)

S: (30) [Enkosi kakhulu, Louis. Ubusindisile ubomi bam.] Uhambe kakuhle.
(Thanks a lot, Louis. You have save my life. Bye-bye.)

L: (35) [Akuyongxaki,] Nkosikazi. Usale kakuhle.
(Not a problem, Mam. Good bye.)

Communication Purpose One: *Reporting a maintenance problem by phone*

Obligatory Moves:

(1) answering the phone
(2) identifying the caller
(3) asking for help
(4) agreeing to help
(5) describing the problem

Optional Moves:

(6) apologizing for trouble caused
(7) comforting or reassuring the caller
(8) explaining the procedure for obtaining help
(9) expressing appreciation

Communication Purpose Two: *Assigning the work order*

Obligatory Moves:

(10) explaining the situation

(11) requesting assistence
(12) agreeing to assist
(13) describing the kind of lock
(14) asking about the availability of the key-type
(15) asking about the location of the problem
(16) describing the location
(17) naming the necessary tools
(18) giving instructions for the work procedure

Optional Moves:

(19) confirming comprehension
(20) expressing entention to report back
(21) reminding worker to take keys
(22) assuring (other participant) that equipment have been assembled
(23) requesting a report
(24) asking about the work order
(25) confirming the work order
(26) inquiring about comprehension

Communication Purpose Three: *Fixing the maintenance problem*

Obligatory Moves:

(27) asking position of the desk lock
(28) identifying the desk lock
(29) identifying the correct key or reporting that the problem is solved

Optional Moves:

(30) expressing appreciation
(31) describing procedure
(32) denying that a key works
(33) accepting that a key works

(34) advising to note the key number

(35) denying inconvenience

TASK SIX

Dialogue Six

Usihlalo (H)

Ummangalelwa (U)

Ummangali (M)

H: (1) [Molweni manene kunye namanenekazi.] (2) [Sidibene apha namhlanje sizokuva ngoluleko lukaNkosikazi Marais.] (3) [NdinguElsabé Viljoen wecandelo lezobuntu ndiza kuba ngusihlalo wale komiti.] (2) [Siza kuphanda intshukumo yoluleko ngokudibene nexwebhu lesimangalo ngokuchasene nommangalelwa, uNkosikazi Marais, ukugqiba ekubeni khange kubekho kungakhathali kubandakanyekayo.] (3) [Ummangali nguMnumzana Passens.] (12) [Ndingathanda ukubuza ummangalelwa ukuba uyayazi na ukuba unelungelo lommeli kumanyano lwakhe?]

(Good afternoon ladies and gentlemen. We are gathered here today for the disciplinary hearing of Mrs Marais. I am Elsabè Viljoen from the human resource department and I will be the chairman for this hearing. We will investigate the disciplinary action in relation to the charge sheet against the accused, Mrs Marais, to decide whether there was any negligence involved. The complainant is Mr Passens. I would just like to enquire whether the accused is aware that she has the right to a representative of her union?)

U: (13) [Ewe, ndiyazi,] kodwa (14) [ndiza kuzithethela ngokwam.]

(Yes, I know, but I will speak for myself.)

H: Nkosikazi Marais, (15) [uxolile ukuba unikwe ixesha elaneleyo lokuzilungiselela olu dliwano-ndlebe?]

(Mrs Marais are you satisfied that you were given enough notice to prepare for this interview?)

U: (16) [Ewe, ndicinga ukuba ndibe nexesha elaneleyo.]
(Yes, I think that I have had enough time.)

H: Kulungile, ngoko (4) [ndakucela ummangali afunde uxwebhu lwesimangalo kwaye okukhokele kwityala.]
(Alright, then I will ask the complainant to read the charge sheet and lead you through the offence.)

M: (5) [Uxwebhu lwetyala lufunda ukuba iNosikazi Marais, ngokutsho, uthe washiya indawo yakhe yokusebenza ngomhla wesine kuSeptembha, ngaphandle kwemvume. Uzithethelela njani: unetyala okanye awunatyala?]
(The charge sheet reads that Mrs Marais, allegedly, left her work place on September the fourth, without permission. How do you plead: guilty or not guilty?)

U: (6) [Ndizithethelela andinatyala.]
(I plead not guilty.)

H: (7) [Ekukhanyeni kokuzithethelela kwakho ekungabi natyala, sakukunika ngoku ithuba lokubeka isehlo sakho kuthi kwaye ucacise ngamazwi akho ukuba kwenzeka ntoni ngaloo mini.]
(In the light of your plea of not guilty, we will now give you opportunity to put your case to us and explain in your own words what happened on that day.)

U: (8) [Ndixelele isihlobo sam, iNkosazana Steyn, ukuba ndiya kugqirha. Kwigumbi lokulindela likagqirha lalizele kakhulu kwaye kwanyanzeleka ukuba ndilinde. Andizange ndikwazi ukuphindela emsebenzini ngethuba.]

(I told my colleague, Miss Steyn, that I was going to the doctor. At the doctor's the waiting room it was very full and I had to wait. I could not return to work in time.)

H: Kulungile, (17) [kodwa uyayazi inkqubo ekufuneka ilandelwe ukuba akuzokubakho emsebenzini?]
(Right, but do you know the procedure that has to be followed in case of any absenteeism?)

U: (18) [Ewe, kufuneka ndifune imvume kumongameli wam.]
(Yes, I have to get permission from my supervisor.)

H: (19) [Ngoko kutheni ungakhange wenze njalo kwesi sehlo?]
(Then why didn't you do that in this case?)

U: (8) [Ebesentlanganisweni kwaye khange ndicinge ukuba kuza kufuneka ndilinde kwagqirha ixesha elide.]
(He was in a meeting and I didn't think that I would have to wait at the doctor's for so long.)
H: (19) [Ubuza kucela imvume phantsi kweemeko zesiqhelo?]
(Would you have asked for permission under normal circumstances?)

U: (18) [Ukuba ebengekho entlanganisweni, ngendimcelile.] (8) [Bendiyile kuye ndifuna imvume, kodwa ngelo xesha ebexakekile esentlanganisweni kwaye bekufuneka ndidibene nogqirha ngokukhawuleza.]
(If he weren't involved in a meeting, I would have asked him. I did go to him to ask for permission, but at the time he was busy in the meeting and I had to see the doctor urgently.)

H: (9) [Ingaba kukho iimeko zokuxolela ongathanda ukuba singazicinga phambi kokuba sibuye nesigwebo?]

(Is there any extenuating circumstances that you would like us to consider before we return a verdict.)

U: (10) [Ndiyazingca kakhulu ngomsebenzi wam kwaye andifuni ukohlukana nawo. Kwaye oku lityala lam lokuqala.]
(I am very proud of my work and I don't want to loose this job. This is also my first offence.)

H: (20) [Enkosi ngenkcazelo yakho. Ndikhe ndajonga ifayile yakho kwaye unyanisile xa usithi lityala lakho lokuqala. Ekukhanyeni kokwazi ukushiya indawo yakho yokusebenza ngaphandle kwemvume, kufuneka ndikufumane unetyala kwisimangalo. Ukumiswa kwexesha likagqirha bekumele ukuba licwangcwiswe phambi kwexesha kwaye ukwazi ukufumana imvume ngaphambili. Nangona uthe wamxelela iNkosazana Steyn malunga nendawo oya kuyo, uthi wayiqonda into yokuba udinga imvume kumangameli wakho ngawo onke amaxesha, xa ufuna ukushiya indawo yakho yokusebenza.] (11) [Ndiziva phantsi kwale meko isilumkiso somlomo esikubophelela iinyanga ezintandathu sanele.] (22) [Unelungelo lokwenza isibheno ngeentsuku ezilishumi kukumila nokukhula kuchaziweyo.]
(Thank you for your explanation. I have looked at your file, and you are correct in saying that it is your first offence. In the light of your admittance to knowingly leaving your work place without permission, I have to find you guilty on the charge. A doctor's appointment has to be arranged ahead of time and you should be able to get permission priorly. Although you have informed Miss Steyn about your whereabouts, you have to realize that you need the permission of your supervisor at all times, when you want to leave your work place. I feel that under the circumstances a verbal warning that is binding for six months, would be sufficient. You do have the right to appeal within ten days in the prescribed format.)

U: (20) [Enkosi,] (22) [ndixolile sisigqibo.]
(Thank you, I am satisfied with the verdict.)

H: (20) [Enkosi kummangali ngokulungisa uxwebhu letyala.]
(Thank you to the complainant for preparing the charge sheet.)

Communication Purpose: *Conducting a disciplinary hearing*

Obligatory Moves:

(1) greeting
(2) stating the purpose of the meeting and the hearing
(3) introducing the participants and stating their roles
(4) instructing the complainant to read the charge sheet
(5) reading the charge sheet
(6) pleading to the charge
(7) asking the accused to state her case
(8) describing the event in question
(9) asking for extenuating circumstances
(10) stating extenuating circumstances
(11) pronouncing the verdict

Optional Moves:

(12) asking if the accused is aware of her rights
(13) confirming that she knows her rights
(14) expressing the intention of self-representation
(15) inquiring whether enough notice was given
(16) confirming that enough notice was given
(17) confirming that the accused knows the correct procedure
(18) asking why procedure was not followed
(19) expressing appreciation
(20) explaining the verdict
(21) stating the accused's right to appeal

(22) expressing satisfaction with the verdict

TASK SEVEN

Dialogue Seven

Umsebenzi wakwamasipala, uThomas (U)
Umabhalana womvuzo (B)

U: Molo Desiré.
(Good morning Desiré.)

B: Molo Thomas. Ndingakwenzela ntoni?
(Morning Thomas. What can I do for you?)

U: (1) [Ndizele imvume yekhefu lokugula.]
(I came for sick leave.)

B: (2) [Zingaphi iintsuku osele unazo?]
(How many days have you already had?)

U: (7) [Ndingaqashisela malunga nesithandathu okanye isixhenxe.]
(I would guess about six or seven.)

B: Khawuthi ndijonge. (8) [Uyayazi inombolo yomvuzo wakho?]
(Let me have a look. Do you know your salary number?)

U: Yi-2, 9, 2, 8, 4.
(It's 2,9,2,8,4.)

B: (3) [Ndiyaxolisa ikhefu lokugula lakho liphelile.] (10) [Ufumana iintsuku ezilishumi ngonyaka, iintsuku ezingamashumi amathathu kumjikelo kwiminyaka

emithathu. Ngoko ke, ungayisebenzisa yonke imvume yakho yokuhlala ekhaya ngenxa yokugula ngoku, kodwa awunokugula kwiminyaka emibini ezayo.]
(I am sorry but your sick leave is exhausted. You get ten days a year; thirty days in a three-year cycle. So, you can use the rest of your sick leave now, but then you cannot fall ill for two years.)

U: (11) [Kodwa ukuyinyani, ndiziva ndigula ngoku] kwaye (4) [ndiza kugxininisa ekuboneni ugqirha.]
(But truly, I am feeling very sick now and I am going to insist on seeing a doctor.)

B: (5) [Uvumelekile ukuba ungaya kugqirha,] (6) [kufuneka uxelele umongameli wakho. Kodwa nokuba kunjalo ukuba ugirha ebenokukubhukishela ungaphangeli usuku kuza kufuneka uchazele umongameli wakho kwaye uthathe njengekhefu elingahlawulelwayo, okanye usebenzise ikhefu leholide yakho lesiqhelo.]
(You are allowed to go to the doctor, you just have to tell your supervisor. But even if the doctor books you off sick for the day, you will have to report to your supervisor and then you will either have to take it as unpaid leave, or use your normal holiday leave.)

U: (18) [Ndinenye ingxaki:] (12) [ilungu losapho luthe lwasweleka kwaye ndifuna ukuya emngcwabeni. Uza kuba kulo Lwesibini uzayo eMonti.]
(I have a further problem: a family member has died and I want to attend the funeral. It will be held now coming Tuesday in East London.)

B: (13) [Unelungelo lweentsuku ezintathu kwimvume eyodwa ngonyaka, kwaye ikwiimeko zokufa kumalungu osapho athe ngqo, anjengomama, utata, umnakwe, udade, umntwana, utata omkhulu okanye umakhulu; okanye mhlawumbi xa inkosikazi yakho ibeleka.]

(You are entitled to three days special leave per year, and that is only in case of the death of a direct family member, like a mother, father, brother, sister, child, grandfather or grandmother; or maybe when your wife is in labour.)

U: (12) [Ngutata omkhulu oswelekileyo.]
(It is my grandfather who has died.)

B: (19) [Ndiyaxolisa ukuva ukuba utata omkhulu wakho uswelekile, Thomas.] Mandikhe ndikhawuleze ndijonge apha. (20) [Kulungile ndiyabona apha kwifayili yakho ukuba ubukhe wathatha ikhefu elilodwa lalinye kulo nyaka,] (14) [ekushiya uneentsuku ezimbini elungelweni lakho;] kodwa (13) [ukuba udinga ixesha elininzi kuza kufuneka usebenzise ikhefu lesiqhelo. Ukuba usebenzisa zombini iintsuku kwaye kukho esinye isehlo esilusizi, uyokunyanzeleka ukuba usebenzise ikhefu lakho lesiqhelo.] (21) [Uyayiqonda loo nto, Thomas?]
(I am sorry to hear of your grandfather's death, Thomas. Let me just quickly have a look here. Well I see here in your file that you have already taken one day special leave this year, which leaves you with two days to your disposal; but if you need more time you will have to use your normal leave. If you use both days and there is any other unfortunate incident this year, it doesn't matter how serious, you will also be forced to use your normal holday leave. You understand that, Thomas?)

U: (21) [Ewe, ndiyaqonda.] (15) [Ndingathanda ukubeka iintsuku ezimbini zekhefu elilodwa.]
(Yes, I understand. I would like to put in two days special leave.)

B: (16) [Kulungile] ngoko ke (22) [ndiza kukucacisela ukuba uza kuyizalisa njani le fomu yesicelo sekhefu.]
(Alright, then I will just explain to you how to complete this leave request form.)

U: (23) [Enkosi.]
(Thank you.)

BL (24) [Umhla wesicelo sekhefu uwubhala apha; icandelo lakho apha, ubonisa apha ukuba likhefu leholide, likhefu lokugula – ukuba likhefu lokugula ngoko ke kufuneka uncamathisele iphepha likagqirha ukuba ubungekho iintsuku ezingaphezu kwesibini; ikhefu elilodwa – ubhala phantsi isizathu sekhefu elilodwa ngezantsi kwalapha apha kulo mgca; idilesi yalapho uzabe ukuyo ngelo xesha; isandla sakho apha kwaye umongameli wakho kufuneka asayine kulo mgca.] (25) [Umongameli wakho kufuneka axelelwe kwaye kufuneka alivume ikhefu, okanye iya kucingela ulahlile emsebenzini.] (26) [Xa umongameli wakho evumile, ngoko intloko yecandelo lakho kufuneka ivumile; emva koko ufomu yakho iphinda ibuyele kuthi, ukuze ifakwe kwisixokelelwano sekompuyutha.]
(The date requested for leave you write in here; your department here, you specify here whether it is holiday leave, sick leave – if it is sick leave then you have to attach a medical certificate when you are away for more than two days; special leave – you write down the reason for the special leave below here on this line; the address where you will be during that time; and your signature here; and your supervisor has to sign on this line here. Your supervisor has to be informed and has to approve the leave, otherwise it would be considered desertion! When your supervisor has approved the leave, then the head of your department has to approve it; after which your form comes back to us to be fed into the system on my computer.)
U: Ngoko ke, (17) [ndingayifumana enye yezi fomu ngoku ndiyacela.]
(So, can I have one of those forms now please.)

B: (16) [Ungayifumana.] (25) [Khumbula ukuya kumongameli wakho kuqala ulungise kunye naye.]
(You may. Remember to go to your supervisor first to organize with him.)

U: (23) [Enkosi, Desiré.]
(Thank you, Desiré.)

B: Luvuyo, Thomas. (19) [Ndiyanqwena uza kuziva ungcono kamsinyane.]
(Pleasure, Thomas. I hope you feel better soon.)

Communication Purpose One: *Requesting sick leave*

Obligatory Moves:

(1) stating purpose of communication
(2) asking the number of days already taken
(3) reporting that sick leave is exhausted
(4) insisting on seeing a doctor
(5) accepting request to see a doctor
(6) naming conditions for taking sick leave

Optional Moves:

(7) guessing the number of days already taken
(8) asking salary number
(9) stating salary number
(10) explaining sick leave
(11) describing urgency of request

Communication Purpose Two: *Requesting special leave*

Obligatory Moves:

(12) describing reason for leave
(13) explaining conditions for special leave
(14) stating the number of days available
(15) requesting special leave
(16) accepting request

(17) asking for a leave request form

Optional Moves:

(18) requesting further assistence
(19) sympathizing with the person
(20) stating the number of days taken
(21) confirming comprehension
(22) stating intention of explaining request form
(23) expressing appreciation
(24) explaining the leave request form
(25) stating the importance of supervisor's role
(26) describing the process of obtaining approval for leave

TASK EIGHT

Dialogue Eight

Umabhalana kwimibuzo yamatyala, uWendy (B)
Ilungu lasekuhlaleni, uNkosikazi Venter (L)

L: Molo Nkosikazi. (1) [Ndifuna ukubuza malunga netyala lamanzi eliphezulu endithe ndalifumana kule nyanga.] Inokuba yimpazamo. (2) [Lityala lamawaka amabini eerandi!] Kuqhubeka ntoni?
(Morning Madam. I want to inquire about this high water account that I received this month. It must be a mistake. It is a bill for two thousand rand! What is going on here?)

B: (13) [Niyalikhangela ityala lamanzi, niyawafunda amanzi zonke iinyanga?]
(Do you check your water account, your water readings every month?)

L: (14) [Hayi,] (15) [uthetha ukuthini?] (16) [Ndisuke ndafumana ityala, kodwa liyaxhuzulwa ebhankini.] Kodwa (17) [zange ndilifumane ityala eliphakame kangaka.]
(No, what do you mean? I only receive the bill, but it goes down on a debit order at the bank. But I have never received such a high account.)

B: (3) [Awunazingxaki endlwini yakho? Khange ube neendwendwe kutshanje? Khange ukhe wenze imbonakalo yomhlaba?]
(Don't you have any problems at your house? Did you have any visitors recently? Have you done any landscaping?)

L: (4) [Hayi, nakanye kwenjalo.]
(No, nothing like that.)

B: (3) [Awunamagumbi angasese avuzayo apho iqula liwatshintsha ngokwalo?]
(Don't you have any toilets leaking where the cistern runs automatically?)

L: (4) [Hayi endiyaziyo.]
(Not that I am aware of.)

B: (3) [Iitephu ezivuzayo?]
(Leaking taps?)
L: (4) [Hayi, ngokuqinisekileyo azikho iitephu ezivuzayo.]
(No, definitely no taps leaking.)

B: (18) [Into ekuphela kwayo eseleyo kukukhangela isilinganisi-manzi.] (5) [Uyayazi ukuba siphi isilinganisi-manzi sakho?]
(The only thing left to do is to check the water meter. Do you know where your water meter is?)

L: (6) [Sisecaleni kwendlu, ewe?]
(It is next to the house, yes?)

B: Kulungile, (7) [Yiya kwisilinganisi-manzi, kodwa kufuneka ungagungxuli isihlalo sangasese okanye ungavuleli amanzi ezitephini. Ngoko uza kubona iqondo elibonisayo: lijongeka okwesixhobo sokubala uzungulezo emotweni. Phantsi kwalo kukho amavili amancinci. Ukuba amavili amancinci ayajikeleza athetha into yokuba unamanzi avuzayo.]
(Okay. Go to the water meter, but you must not have flushed the toilet or have any taps running. Then you'll see there is a reading meter: it looks like the rev-counter on a motorcar. Under that there are little wheels. If the little wheels are turning it means you have a water leakage.)

L: (8) [Kulungile, ndiza kwenza njalo.] (19) [Ndingakutsalela umnxeba kwakhona?]
(Right, I will do that. Can I phone you back again?)

B: (20) [Ewe, kuya kuba kulungile.]
(Yes, that will be in order.)

L: (21) [Enkosi.] (9) [Ndiyathetha nabani?]
(Thank you. Whom am I speaking to?)

B: (9) [NguWendy lo.]
(This is Wendy.)

L: (21) [Enkosi Wendy.] Ndiza kukutsalela umnxeba kwakhona kwangoku.
(Thanks Wendy. I will phone you back right away.)

Umxhasi uya kwisilinganisi-manzi kwaye atsalele umnxeba umasipala kwakhona.
(The client goes to the water meter and calls the municipality again.)

B: (9) [UMasipala eOverstrand, molo.]
(Municipality Overstrand, good morning.)

L: (9) [Molo, nguWendy lowo?]
(Hello, is this Wendy?)

B: (9) [NguWendy othethayo.]
(Wendy speaking.)

L: (10) [Wendy, nguNkosikazi Venter lo. Besikhe sathetha emzuzwini odlulileyo.] (11) [Ndiyile kwisilinganisi-manzi sam kwaye loo mavili ayajikeleza nangona ndingasebenzisi manzi.]
(Wendy, this is Mrs Venter. We spoke a moment ago. I went to my water meter and those wheels are turning although I am not using any water.)

B: (12) [Ngokuqinisekileyo ibonisa ukuba unethontsi endlwini yakho.] (22) [Ngelishwa ngumthwalo wakho. Ukuvuza kungena ngesilinganisi-manzi sakho.] (23) [Ndikucebisa ukuba ufune umtywini ngokukhawuleza okukhulu.]
(Obviously it shows that you have a leak at your house. Unfortunately it is your responsibility. The leak is going through your water meter. I would advise you to get a plumber in as soon as possible.)

L: Kodwa kwesi sithuba, (24) [ndiza kwenza ntoni malunga neli tyala?] (26) [Andinayo imali elolo hlobo ebhankini. Ayikho indlela endinokubhatala ngayo eli tyala.]
(But in the meantime, what am I going to do about this bill? I do not have that kind of money in the bank. There is no way that I can pay this account.)

B: (27) [Nkosikazi yehla.] (25) [Kufuneka uyivale ukuxhuzulwa kwetyala lakho ebhankini ngokukhawuleza.] (28) [Sinekomiti eyodwa ejongana nokunyuka kwamanzi kunye namatyala ombane.] (25) [Kufuneka uthumele ileta kwisebe

lamatyala kwaye ucacise ingxaki yakho. Kwakhona ncamatisela nawaphi amaphepha owafumeneyo kumtywini uzekelo.] (28) [Ukuba ikomiti iyayivuma ngoko ke siza kulithoba ityala lakho lamanzi.]
(Madam calm down. You have to stop your debit order immediately. We have a special committee who sees to unforeseen high water and electricity accounts. You must send a letter to the accounts department and explain your problem. Also attach any relevant papers or receipts you received from the plumber for instance. If the committee approves then we will average out your water account.)

L: (29) [Kufuneka ndize apho ndiyizise ngokwam ileta?]
(Do I come to deliver the letter there myself?)

U: (30) [Ayinamsebenzi, ungayithumela ngeposi.] Kodwa (25) [ndikucebisa ubhatale, okwangoku, oku uqhele ukubhatala rhoqo ngenyanga, kuba le nqubo ingathatha ithuba ukuze isombululwe.]
(It doesn't matter, you can send it by mail. But I would suggest that you pay, for the time being, what you usually pay every month; because this process can take a while to resolve.)

L: (21) [Enkosi kakhulu, Wendy.]
(Thank you very much, Wendy.)
U: Iminqweno emihle Nkosikazi, kodwa (23) [nceda tsalela umnxeba umtywini ngoku.]
(Good luck Mam, but please call a plumber right now.)

L: (8) [Ndakwenza njalo,] (21) [enkosi.] Usale kakuhle.
(I will, thanks. Good bye.)

Communication Purpose One: *Establishing the reason for a high water account*

Obligatory Moves:

(1) identifying the purpose of the call
(2) identifying the problem
(3) inquiring about possible causes for the problem
(4) denying possibility of these causes
(5) asking position of water meter
(6) acknowledging position of the water meter
(7) instructions for identification of leakage on the water meter
(8) agreeing to follow instructions
(9) identifying the speaker
(10) identifying the caller
(11) reporting findings
(12) identifying the cause of the problem

Optional Moves:

(13) asking whether readings are noted monthly
(14) denying taking readings
(15) expressing incomprehension
(16) describing payment
(17) expressing unusualness of the bill
(18) identifying water meter as indicator of cause for the problem
(19) requesting to report findings
(20) agreeing to receive report
(21) expressing appreciation
(22) explaining that the problem is the client's responcibility

Communication Purpose Two: *Solving the problem of high water account*

Obligatory Moves:

(23) advising seeking immediate professional help

(24) asking advise for settling account

(25) giving instructions for dealing with high accout

Optional Moves:

(26) expressing inability to pay account

(27) comforting or reassuring client

(28) describing the municipality's regulations for dealing with unpayable accounts

(29) asking about means of submitting the letter

(30) identifying means of submitting the letter

(8) agreeing to follow instructions

(21) expressing appreciation

TASK NINE

Dialogue Nine

Umphathi wabaqeshwa (P)

Umsebenzi, uMnumzana Rajah (R)

P: Mini emnandi Mnumzana Rajah. (1) [Enkosi ngokudibana nam ngale mva kwemini sizokuxoxa izicwangciso zenkqubela-phambili yobomi bakho.] (2) [Nceda ndinike isalathiso sesingqini sakho sangoku.]
(Good day Mr Rajah. Thank you for meeting with me this afternoon to discuss your career plan. Please just give me an indication of your current qualification.)

R: Molo Nkosikazi. Ewe, (3) [isingqini sam sangoku, isingqini sesikolo libanga lokuqala.]

(Good afternoon Madam. Yes, my current qualification, school qualification is standard one.)

P: Kulungile, (4) [ngoku leliphi icala othanda ukwandisa kulo izifundo zakho?]
(Right, now in which direction would you like to further your studies?)

R: Nkosikazi, (5) [ndingathanda ukuba umtywini.]
(Madam, I would like to become a plumber.)

P: Ngoku, (6) [kufuneka sikhumbule into yokuba ukuze ube ngumtywini – ngalo mzuzu ukwicandelo lolungiselelo lwamanzi – ngoko, ufumene amava amahle. Ukwenza uludwe lwezifundo zobutywini, kuqala udinga ukuba wenze uhlobo lwenkqubo yokubhala nokufunda ephakamileyo.] (17) [Uyayiqonda into yokuqala efunekayo?] Kuba (7) [xa usenza imilinganiselo emiselweyo kubutywini ekholeji, kuza kubakho iinkcazo ezingcingane equkwayo ekufuneka uyifundile.] Ngoko ke (6) [kuza kufuneka kuqala wenze into abayibiza nguABOT uludwe lwezifundo zokufundo nokubhala kumgangatho wokuqala, elibanga lesixhenxe. Kufuneka ufike kulaa mgangatho, phambi kokuba sikuqhubele phambili.]
(Now, we must just remember that to get to being a plumber – you are at the moment an utility man in the plumber's division – so you have gained good experience. To do a course in plumbing, you first need to do some kind of advance literacy program. Do you understand that this is first necessary? Because when you do your modules for plumbing at the college, there will be theory involved that you have to learn. So you will first do what they call the ABOT literacy course at the highest level, which is standard seven. You will first have to reach that level, before you can proceed.)
R: (18) [Ndiyabona.]
(I see.)

P: (19) [Uziva ungakwazi ukuyenza?] Kuba (8) [Sicinga ukuyenza ngexesha lomsebenzi rhoqo ngoLwesithathu.] (20) [Sakuthi sakuyilungiselela kunye

neentloko zecandelo ezahlukeneyo.] (9) [Uziva njani malunga noku?] (19) [Uyibona indlela akho icacile ekwenzeni oku?]
(Do you feel up to it? Because we will consider doing it during work time, every Wednesday. We will organize it with the different heads of department. How do you feel about this? Do you see your way open to doing this?)

R: (10) [Ewe, ukuba inokwenzeka, ndingathanda ngokuqinisekileyo ukuyenza.]
(Yes, if it is possible, I would definitely want to do it.)

P: (21) [Oku kungayichaphazela njani imisebenzi yakho emsebenzini?]
(How will this affect your activities at work?)

R: (22) [Ngoko, ngokuqinisekileyo kungawuchaphazela umsebenzi wam. Ngokubona kwam ndingumsebenzi womtywini kwaye kukho amadoda amathathu kuphela kunye naye evenini.] Kodwa ngokuqinisekileyo siza kubona ukuba singanako ukuyilungiselela.
(Well, it will obviously have an affect on my work. Seeing that I am a labourer for the plumber and there are only three men with him on his van. But we can certainly see what we are able to organize.)

P: Kulungile ngoko. Mnumzana Rajah, mna nawe sikuxoxile oku ngoku. (11) [Inyathelo elilandelayo lam kukubhala ingxelo eya kwintloko yesebe kunye nomphathi ukuze ndibaxelele malunga nezicwangciso sokuqalisa kuludwe lwezifondo zikaABOT kwaye ngengxa yoko siza kubizela ngaphandle ngoLwesithathu uye eziklasini. Ukuba sinokuba nayo imvume yabo ngoko sakuthi sixelele ikomiti eqeqeshayo kwaye sibaxelele ukuba sifuna ukuqala kunye nawe.] Kodwa kwangexesha linye, (12) [sokucela ukuba umtywini lowo ubusebenza naye aqalise ukukubonisa iindlela – oku sikubiza "kumsebenzi oqeqeshelwayo". Angaqala ukukunika imisebenzana eqhubela phambili kakhulu ngokukunika umsebenzi wezandla otyhilekileyo.] (13) [Kukangakanani ufumana amathuba angako?]

(Alright then. Mr Rajah, you and I have discussed this now. The next step for me is to write a report to the head of your department and to your superintendent as to inform them of our plan to start you on the ABOT course and that because of this we will call you out on Wednesdays to attend the classes. If we have their permission then we will report to the traing committee and tell them that we want to start with you. But at the same time, we will request that the plumber whom you work with start to show you the ropes – what we call "on the job training". He can start assigning more advanced tasks to you, as to train you by giving you practical exposure. To what extent are you already getting such opportunities?)

R: Ngoko, (14) [andikawafumani amathuba anjalo. Mandiyibeke kuwe ngolu hlobo: bendingaphangeli ixesha elide. Ndibe kunye nomtywini ixesha elifutshane kakhulu.]
(Well, I have not really had such opportunities. Let me put it to you like this: I have not been working for very long. I have only been with the plumber for a little while.)

P: (13) [Kulixesha elide kangakanani ulapho?]
(How long have you been there?)

R: (14) [Iinyanga ezisibhozo.] (5) [Kodwa umdla wam ngokuqinisekileyo uwela ekubeni ndibe ngumtywini.]
(Eight months. But my interest definitely lies in becoming a plumber.)

P: Kulungile, ngoko ndicinga ukuba le yindlela esiza kuyilandela. Ngelishwa sisicwangciso sexesha elide. (7) [Siza kuqala sinyuse umgangatho wakho wokubhala nokufunda, kuba njengomntywini abalawuli baza kulindela ingxelo ebhaliwe nguwe.] Kodwa njengokuba usazi yindlela ekufuneka siqale kuyo. Kwixesha elide uya kuwuphumelela umnqweno wakho, kodwa oku ngamanyathelo okuqala ekufuneka siwathathe.

(Right, then I think this is the road we will follow. It is unfortunately a long-term plan. We are first going to increase your level of literacy, because as a plumber management will also expect you to write reports. But as long as you know that it is a road that we have you started on. In the long term you will achieve your goal, but these are only the first steps that we have to take.)

R: (18) [Hayi, ndiyaqonda ngokunjalo Nkosikazi.]
(No, I understand it like that Madam.)

P: (15) [Ndakubeka ixesha lentlanganiso yokuwulandela kunye nawe.] (16) [Ngubani ocinga ukuba kufuneka ekho entlanganisweni?]
(I will schedule a follow-up meeting with you. Who do you think will need to be present at the meeting?)

R: (16) [Ndicinga abantu abafanelekileyo bakuba ngumongameli wam ngokuthe ngqo kwaye kwakhona umphathi wesebe endikulo.]
(I think the necessary people would be my direct supervisor and also the superintendent of the division that I am in.)

P: Kulungile, bangakwazi ukuhlenga-hlengisa amaxesha okusebenza ngokoqeqesho lwakho. Kuba (8) [iza kwenziwa bonke ooLwesithathu kwezi nyanga zintandathu, ngaphezulu okanye ngaphantsi.] Kulungile Mnumzana Rajah, (19) [ingaba ujonge phambili koku?]
(Fine, so they can know how to arrange the work schedule around your training. Because it will take place every Wednesday for the following six months, more or less. Right Mr Rajah, are you looking forward to this?)

R: (10) [Ewe ndinjalo Nkosikazi, enkosi kakhulu.]
(Yes I am Madam, thank you very much.)

P: Kulungile ngoko, (15) [ndiya kukwazisa ngokukhawuleza okukhulu ukuba enye intlanganiso inini, ngoko sakuthi sidibanise amadoda kunye.]
(Alright then, I will let you know as soon as possible when the next meeting is scheduled for, then we will get the guys together.)

R: Usale kakuhle Nkosikazi.
(Good bye Madam.)

P: Uhambe kakuhle Mnumzana Rajah.
(Good bye Mr Rajah.)

Communication Purpose: *Establishing a career plan for a municipal worker*

Obligatory Moves:

(1) stating the purpose of the meeting
(2) asking current qualification
(3) stating current qualification
(4) asking educational interest
(5) stating career choice
(6) describing educational needs
(7) explaining necessity of literacy course
(8) identifying time for studies
(9) inquiring after satisfaction with plans
(10) agreeing to educational plan
(11) describing preparations for education
(12) explaining training
(13) asking current work experience
(14) describing work experience
(15) planning follow-up meeting
(16) identifying attendants for follow-up meeting

Optional Moves:

(17) inquiring after comprehension

(18) indicating comprehension

(19) inquiring after willingness to engage in plans

(20) indicating intention of arranging with superiors

(21) inquiring about effect of studies on work

(22) describing effect of studies on work

TASK TEN

Dialogue Ten

Ilungu lasekuhlaleni (L)

Umongameli wezindlu (M)

L: Molo, Mnumzana. Igama lam ndinguAndries Cupido.

(Good afternoon, Sir. My name is Andries Cupido.)

M: Molo, ndinguRoderick Williams.

(Afternoon, Roderick Williams.)

L: Mnumzana Williams, (1) [ndize kufuna indlu.]

(Mr Williams, I came to ask for a house.)

M: Mnumzana, okokuqala, (2) [mandikuxelele ukuba akukho mathuba ezindlu akhoyo ngalo mzuzu.] (3) [Into esiqhele ukuyenze kukubeka kwegama lakho kuluhlu lokulinda, kwaye njengemisebenzi emitsha, amathuba, aba khona; oya kuthi uyicingwe.]

(Sir, in the first place, I have to tell you that there are no housing opportunities available at the moment. What we usually do is to place your name on a waiting list, and as new projects, opportunities, become available; you will come into consideration for it.)

L: (4) [Iya kuthatha ixesha elingakanani? Ukuba ndifake igama lam kuluhlu lokulinda namhlanje kulindeleke ukuba ndilinde ixesha elingakanani? Lude kangakanani olu luhlu?]
(How long will that take? How long can I expect to wait if I put my name on the list today? How long is the list?)

M: (14) [Mnumzana Cupido, sineemfuno ezahlukeneyo kwiidolophu ezahlukeneyo. Kwaye ixhomekeke ukuba umsebenzi onjengalona umiselwe okulandelayo, uya kuthi ucingwa ngawo. Ngoko kwiidolophu ezahlukeneyo iimfuno ziyahluka, kodwa sokuthi sibone. Xa ubhala igama lakho phantsi kuluhlu, uzakhela ithuba lendlu yakho.]
(Mr Cupido, we have different needs in different towns. And depending on where a project like that is established next, you will be considered for it. So in different towns the needs vary, but we will have to see. When you put your name on the list, you create a housing opportunity for yourself.)

L: (14) [Ngalo mzuzu ndihlale eHermanus. Ingaba loo nto ithetha into yokuba xa kukho izindlu ezakhiwayo eGansbaai, ingaba ndakuba kuluhlu lokulinda kubo; okanye kufuneka ndilinde indlu ngokukodwa eHermanus?]
(I am staying in Hermanus at the moment. Does this mean that if there are houses build in Gansbaai, that I will be on the waiting list for them; or do I have to wait for a house in Hermanus specifically?)

M: (14) [Oko kwakhona kuya kuthi kuzimisele maluna nefomu. Asiyonto engenakumiswa ngenxa engaphambili.]
(That will still have to be determined according to your form. It is not something that is predetermined.)

L: (5) [Kulungile, ndenze ntoni ngoku? Mandizalise loo fomu?]
(Okay, what do I do now? Do I complete that form?)

M: (15) [Ewe, kucacile ukuba awukabikho eluhlwini lokulinda.] Ngoko ke (6) [kufuneka uzalise isicelo sefomu yokulinda,] eya kuthi ifakwe kwikompuyutha yethu, eya kuthi emva koko ikunike ithuba lendlu. (16) [Ungandixelela ukuba ngoluphi ulwimi olukhethayo. Sineefomu ezifumaneka ngeelwimi ezintathu: isiAfrikaans, isiNgesi kunye nesiXhosa.] (6) [Ngoko ngokulula zalisela thina le fomu kwaye sifake igama lakho kuluhlu.]
(Yes, it is clear that you are not on a waiting list already. Therefore you will have to complete a waiting list request, which will then be entered into our computer, which will then offer you housing opportunity. You can just tell me which language you prefer. We have the form available in three languages: Afrikaans, English and Xhosa. Then you simply complete this form for us and we will put your name on the list.)

L: (17) [Kulungile, ingaba ndiyenza kwangoku?]
(Right, do I do that right away?)

M: Ewe, (18) [ilunge ngaphezulu kufuneka uyenze ngoku, kodwa ukuba uyizise mva ngoko omnye umntu osele eyizisele ifomu yakhe namhlanje, uza kubekwa phambi kwakho kuluhlu.] (19) [Ukuba ufuna umntu akuncedise, ngoko singakufunela umntu okubhalele,] (18) [kodwa kungcono ukuba uyenze ngoku hayi mva.]
(Yes, preferably you must do it now, because if you should bring it back later then someone else who have returned their form today, will be placed before you on the list. If you need someone to help you, then we can get someone to write for you, but it is best that you do it now and not later.)
L: Mnumzana Roderick, (20) [ngalo mzuzu ndihlala nodade wethu kwaye andinako ukuhlala ixesha elide apho. Ndinonyaka ndiseHermanus, ndihlala nodade wethu kwaye kufuneka ndizifunela indawo yam ngoku.] (7) [Mhlawumbi ndinazibekela indawo yam kwenye indawo, ngalo mzuzu. Ingaba owona wona mmandla endinokwenza kuwo loo nto okanye ayinamsebenzi?]

(Mr Roderick, I am staying with my sister at the moment and I can't stay there any longer. I have been in Hermanus for almost a year now, staying with my sister and I have to get a place of my own now. Maybe I can put up a place for myself somewhere, in the mean time. Is there a specific area where I can do that or doesn't it matter?)

M: Okokuqala, (8) [ukuba uthathe isigqibo sokumisa igumbi kwadade wenu, apho udade wenu anomhlaba, kufuneka ufumane imvume yokwenza oko. Ndithetha into yokuba umhlaba kadade wenu unendawo enye yokuhlala.] Okwesibini asikuvumeli ukuba wakhe isakhiwo sexeshana kumhlaba kawonke wonke.] (21) [Kuba akukho zinkonzo zokukhawuleza ezikhoyo kwaye kuyingozi kakhulu; asinako ukulindela imfanelo ukuba kukho into enokwenzeka kuwe. Umhlaba sele usetyenziswa ezona zona njongo.] (10) [Siyazama kwaye senze amathuba okuthatha inkampu, apho kukho iinkonzo ezisisiseko, njengezindlu zokuhlambela kunye nezibane ezikhulu ukwenzela ukhuseleko, zimiselwe.] (23) [Kodwa ndingakucebisa ndithi okwangoku hlala nodade wenu. Kuya kuba ngcono kuwe ukuhlala kudade wenu.]
(In the first place, should you decide to put up a room at your sister's, where your sister owns property, you would have to get permission to do that. I assume your sister's property has single residence. In the second place, we do not allow you to erect a temporary structure on public grounds. It is because there are no services immediately available and it is also very dangerous; we cannot accept responsibility if something should happen to you. The land is also already being used for a specific purpose. We try and create opportunities in a transit camp, where the basic services, like ablution blocks and floodlights for your safety, are erected. But I would advise you at this stage to stay at your sister's. It would be better for you to stay on at your sister's.)

L: (24) [Ukuba udade wethu ebenokuvuma ukuba ndakhe igumbi kumhlaba wakhe, kufuneka enze ntoni? Kufuneka naye aze apha afumane imvume?]

(If my sister was to agree that I could put up a room on her property, what must she do? Must she also come here to get permission?)

M: (8) [Udade wenu kufuneka anxibelelane nesebe lokwakha, ngokukhethekileyo ngokubhala ndiyacinga. Kwaye ngoko bokusondlala isicelo phambi kwekomiti emva koko baze bamnike ingxelo ebhalwe phantsi kwisigqibo sekomiti.]
(Your sister will have to contact the building division, preferably in writing I would presume. And then they will lay the request before a committee after which they will give her written feedback on the committee's decision.)

L: (24) [Kufuneka aye phi: kumasipala – kwiofisi eyintloko ngoku?]
(Where does she have to go: to the municipality – to the head office for this?]

M: (8) [Ewe, kwisebe lokwakha kwiofisi eyintloko.]
(Yes, to the building division at head office.)

L: Enkosi. Ukuba udade wethu akakwazi ukundinceda, (25) [kufuneka ndiphinde ndibuyele apha ndifumane imvume yokuhlala enkampini?]
(Thank you. If my sister is not able to help me, I have to come back here to get permission to stay at the camp?)

M: Njengokuba bendikucacile (10) [ngenkampu yenza amathuba kubantu abathe ngokwendalo abakwazi ukufumana izindlu ngokukhawuleza. Kwaye iyoxhomekeka ukuba zizele kangakanani ezona zona nkampu ngalo mzuzu.] (14) [Amawaka ambalwa abantu bonke benze izicelo zezindlu kwaye kuyaqondeka ukuba asikwazi ukubanceda ngaxesha-nye.] (26) [Into ethi yenzeke yile xa kukho umsebenzi wezindlu ezintsha eziqalayo, asijongi kudidi lwabantu kuluhlu lokulinda kuphela – ndicinga ukuba loo nto ikunika uxole engqondweni. Sijonga izidingo zomntu wonke: iimfuno zomntu ngamnye malunga nenani labantwana athi abe nabo; uhleli ixesha elingakanani kulo

mmandla; indawo yakhe kuluhlu lokulinda; uthini umvuzo wabo kwaye newonga lomtshato wabo. Isizathu sesi sikholelwa ukuba umntu uneemfuno ezibalulekileyo, ngoko iya kubonakalisa esithi ukubizwa ngokuba luvavanyo lwezinto zokuphila; ngoko esithi sinike ikhethe kubantu abathile.]
(Like I have explained, the transit camps create opportunities for people who naturally are not able to acquire housing immediately. It also depends on how full those camps are at the moment. A few thousand people have all requested housing and it is understandable that we cannot help them all at once. What usually happens is that when a new housing project starts, we do not only look at a person's rank on the waiting list – I think that this should give you some peace of mind. We look at every person's needs: every individual's needs in terms of the number of children that he or she has; how long he or she has been staying in the area, his position on the waiting list; what is their income and even their marriage status. The reason is that we believe that if someone has serious needs, then it will be reflected in what we call a means test, according to which we give preference to certain people.)

L: (26) [Ukuba umntu unosapho ngoko banemfuno enkulu?]
(If someone has a family then they have a bigger need?)

